IsiKhululo soMlilo
Drukkers Avenue
STELLENBOSCH
7600

OKANYE

P.O. Box 100
STELLENBOSCH
7599

INOMBOLO YEMFONO-MFONO: 021-888 5275
INOMBOLO YEFAKSI: 021-886 6206
I-IMEYILE: josias@capewinelands.gov.za

# UMGAQO-NKQUBO NEENKQUBO ZOQEQESHO



*Iqinisekisiwe yiSouthern African Emergency Services Institute njengeZiko loQeqesho nayiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) njengomnikezeli wenkonzo yeMfundo noQeqesho ngokwemiqathango yeSouth African Qualifications Authority Act, 1995 (Act No 58 of 1995).*

**ISIKOLO SOQEQESHO LOMLILO NOHLANGULO LWASECAPE WINELANDS**
**UMGAQO-NKQUBO NEENKQUBO ZOQEQESHO**

| **OKUQULATHIWEYO** | | **IPHEPHA** |
|---|---|---|
| 1. | Imbula-mbethe | 3 |
| 2. | UMnqophiso neeNjongo | 4 |
| 3. | IsiBambathiso soMqeqeshi | 4 |
| 4. | INgqinisekiso yokuLunga | 5 |
| 5. | INgqinisekiso yeziFezekiso zoMfundi | 10 |
| 6. | IMbuyekezo yoMfundi noMbulelo/neMvume | 27 |

## 1. IMBULA-MBETHE

UMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) ugunyazisiwe ngumthetho ukuba ubonelele ngoqeqesho olulungiselelwe abasebenzi bomlilo ngokwemiqathango yeCandelo 84(1)(j) leLocal Government: Municipal Structures Act, 1998 (uMthetho onguNombolo 117 we-1998) yaye useke iSikolo soQeqesho soMlilo noHlangulo saseCape Winelands ukuzalisekisa esi sigunyaziso.

ISikolo soQeqesho sinoqinisekiso oluntlantlu-mbini kunye neLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) kunye neSouth African Emergency Services Institute (SAESI) / i-International Fire Service Accreditation Congress (IFSAC) yaye sine-ofisi yayo eyintloko eStellenbosch, eyidolophu ngokwesithethe nangenkcubeko ehetha into enye nemfundo noqeqesho. Emva kwexesha, utyalo-mali oluninzi lwenziwa kwiSikolo soQeqesho, ngoko ibe lelinye lamaZiko oQeqesho ankqenkqeza phambili kwiPhondo leNtshona Koloni.

IYunithi ye ETQA yeLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) iqinisekiswe ngokusesikweni yiSouth African Qualifications Authority Act, 1995 (uMthetho onguNombolo 58 we-1995) (SAQA) ngokuhambelana noMthetho oxeliweyo. I Local Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) kufuneka iqinisekise ngento yokuba imfundo neenkqubo zoqeqesho, imiqathango neziqinisekiso zicwangcisiwe ukulungiselela ukuqinisekisa into yokokuba uqeqesho lokulunga olukwiqondo eliphezulu luyafumaneka kwicandelo lemfundo ngokuhambelana nomthetho ofanelekileyo.

Kwisithuba seminyaka ye-1990 iSouthern African Emergency Services Institute (SAESI) yanxibelelana ne-International Fire Service Accreditation Congress (IFSAC) ukulungiselela ukuthelekisa isilabhasi yeSAESI eyayisetyenziswa ngelo xesha ukuqeqesha abacimi bomlilo kwiAfrika esemaZantsi. I-International Fire Service Accreditation Congress (IFSAC) imisela into yokuba iziqulatho zengcingane zeSifundo seZiqalelo kwiTekhnoloji yoMlilo sizidlulile iinkqubo zenqanaba lokuqala le-IFSAC kwisiqinisekiso esaziwa njenge-NFPA 1001 (iFirefighter I, iFirefighter II, iHazmat Awareness, iHazmat Operations neNqanaba III loNyango).

Ngowama-1994 iSouthern African Emergency Services Institute (SAESI) yaqinisekiswa yi-IFSAC njengomnikezeli weenkqubo ezibhalisiweyo ze-International Fire Service Accreditation Congress' (IFSAC) kunye neSifundo seziQalelo kune neSatifikethi kwi Tekhnoloji yoMlilo kwabekwa kamva endaweni yayo iFirefighter I kunye noII. La manqanaba mabini aba sisinyanzelo sokungena komntu kwiSatifikethi seNqanaba eliphezulu kwiiMviwo zeTekhnoloji yoMlilo.

## 2. UMNQOPHISO NEENJONGO

2.1 Ukubonelela nokugcina umgangatho ophezulu woqeqesho.

2.2 Ukuqinisekisa ngento yokuba uqeqesho luqhutywa ngendlela ekhuselekileyo.

2.3 Ukuqinisekisa ngento yokokuba abaqeqeshi basoloko benolwazi oluphezulu ngetheknoloji entsha ekuRhwebo loMlilo noHlangulo.

2.4 Ukuqinisekisa ngento yokuba abafundi banethuba elilungileyo lokuba ngaBacimi-Mlilo abanekhono.

2.5 Ukukhuthazwa kwemfundo yobomi bonke.

## 3. UMNQOPHISO (IINQOBO EZISESIKWENI) WOMQEQESHI/WOMQUQUZELELI

Abaqeqeshi beSikolo bazinikela kwindlela yokuziphatha yobuchule neenqobo ezisesikweni ezikumgangatho ophezulu, ezibandakanya ukubophelela ekwenzeni okulandelayo:

3.1 Ukufezekisa nokugcina ubungcali bobuchule;

3.2 Ubuchule bomqeqeshi obutshatsheleyo ngothungelwano nengcebiso;

3.3 Ukufundisa ezi zifundo kuphela endinesiqinisekiso sazo;

3.4 Ukulungiselela nasiphi na isifundo kuba ubomi buxhomekeke kuso;

3.5 Ukuvavanya iziphumo zenkqubo ngentembeko;

3.6 Ukusebenzela ukuphuculwa okuthe gqolo kweenkqubo nezifundo;

3.7 Ukusebenzisa imathiriyeli, ingcaciso neenkcukacha zamanani ezifanelekileyo;

3.8 Ukwenza imisebenzi yomqeqeshi ngemfezeko;

3.9 Ukuhlonipha umsebenzi wabanye abaqeqeshi ngembeko yokuthabathela ingqalelo yeembono zabo nemathiriyeli ngokufanelekileyo;

3.10 Ukuzibona xa isimilo sam singahambelani nezi nqobo zisesikweni ze ndigqibe ngokusiphucula.

## 4. INGQINISEKO YOKULUNGA

### 4.1 IMICIMBI YABASEBENZI NENKUNZI

4.1.1 UMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uya kuzama, ngokwemali anayo, ukuhlahlela imali ukulungisela iimfuno zokusebenza nenkunzi yeSikolo soQeqesho sarhoqo ngonyaka ze avavanye ngokutsha ubume bombutho kumathuba ngamathuba.

4.1.2 ISouthern African Emergency Services Institute (SAESI) imithetho yeKomiti yoQinisekiso, apho uQeqesho loMlilo noHlangulo lweCape Winelands lunyanzelekileyo ukuba lihambelane nalo, ikhethe ukusebenzisa imigangatho yeNational Fire Protection Association (NFPA) neemanyuwali ezihambelana ne IFSTA okanye iimanyuwali ekukhangelwa kuzo ezamkelweyo (kusebenza umthetho weminyaka emihlanu) njengezikhokhelo zokuphuhlisa imigangatho yoqinisekiso noyilo lwenkqubo yokufunda.

4.1.3 QAPHELA: “UMthetho weMinyaka emiHlanu”- Ngokuhambelana noMgaqo-nkqubo weInternational Fire Service Accreditation Congress (IFSAC), imathiriyeli ethengelwe uqeqesho kwizifundo ezichongiweyo ziya kuthatyathwa njengezala maxesha kangangesithuba seminyaka emihlanu OKANYE iintlelo ezimbini. Ngoko, uhlelo-X, nokokuba kubekwe endaweni yalo uhlelo - X+1, lunokusetyenziswa kangangeminyaka emihlanu emva kopapasho lohlelo -X+1. Nangona kunjalo, ukuba ngaba uhlelo -X+2 lupapashwe phambi kweminyaka emihlanu, uhlelo –X+2 kufuneka luthengwe ze lusetyenziswe.

### 4.2 IMPILO NOKHUSELO

4.2.1 Kuzo zonke iimeko iimfuno zomthethi osebenzayo kunye neekhodi zendlela elungileyo yokwenziwa komsebenzi kunye/okanye izikhokhelo (umz. iOccupational Health and Safety Act,1993 (uMthetho onguNombolo 83 we-1993), iNational Fire Protection Association (NFPA 1500, 1521 & 1582)) kufuneka zisetyenziswe yaye kufuneka ziqwalaselwe yaye zimiliselwe.

4.2.2 Ukhuseleko lwabafundi, abavavanyi kunye/okanye abahloli ngokunjalo nabasebenzi benkxaso lubaluleke kakhulu yaye zonke iinzame ziya kwenziwa ukuqinisekisa ngento yokuba iimvavanyo noqeqesho luqhutywa ngendlela eyiyo nekhuselekileyo. Naliphi na ilungu lenkonzo ekhawulezileyo liya kuwumisa nawuphi na umsebenzi apho impilo nokhuseleko lwabasebenzi kunye/okanye abafundi lubekwa emgciphekweni okanye luchanatywa kwingozi.

4.2.3 UKUPHILA QETE EMZIMBENI

(a) Yinyaniso eyazekayo into yokokuba uqeqesho lomcimi-mlilo lunomgeni emzimbeni yaye ludinga ubuphotho-photho, umxhelo namandla. Ngoko naphambi kokuba abafundi bavunyelwe ukuba babhalise, uxanduva lukubafundi lokunika ubungqina bokokuba baphile qete ngokwasemzimbeni ukuba bangaqalisa uqeqesho. Ubungqina kufuneka bube liphepha likagqirha elivela kugqirha obhalisiweyo, elichaza into yokuba lo mfundi ulindelekile uphile qete ukuba angalungenela uqeqesho olunjalo.

(b) Ukuba ngaba umfundi ufumaniseka engaphilile ngokwasemzimbeni nangaliphi na ixesha kwisithuba sesifundo soqeqesho, kusala kuluxanduva lomfundi ukwazisa umqeqeshi/umququzeleli ngobume babo. Kwimeko enjalo, inqanaba lesifundo soqeqesho somfundi liya kuvavanywa ngokutsha ade umfundi lowo uchaphazelekayo abe nokususwa kwisifundo eso kulungiselelwa impilo nokhuselo.

(c) Oku kubandakanya ngokunjalo amayeza asetyenziswa ngumfundi anokuthi abe nempembelelo kuye egwenxa empilweni, emzimbeni nasengqondweni. Abafundi kufuneka bazise ngoko nangoko umqeqeshi/umququzeleli ngokusebenzisa amayeza anikezelwe ngugqirha namayeza awathenga ekhawuntareni anokuthi aphazamise ikhono lomfundi ukuba aqhube uqeqesho ngokhuselo. Umqeqeshi/umququzeleli uya kubavumela kuphela abafundi ukuba basebenzise amayeza anjalo ukuba ngaba impembelelo ebingalindelekanga yamayeza anjalo ayingunobangela womngcipheko kwimpilo okanye kukhuselo lomfundi lowo uchaphazelekayo okanye abanye abafundi.

(d) Abafundi abasayi kuvunyelwa ukuba baqhubeke nesifundo/nezifundo xa besehla kubunzima okanye bekwikhefu lokugula ngaphezulu kwe-10% lesifundo. Ukuchaza le nqobo isesikweni:

(i) I-10% kwiFF1 ziintsuku ezisi-7 kwisithuba sesifundo sizintsuku ezi-3 ubuninzi ngenyanga, kubandakanywa umsebenzi olula, ikhefu lokugula nokunye nje ukungabikho emisebenzini;

(ii) I-10% yeHazmat Awareness lusuku lu-1 kwisithuba sesifundo, kubandakanywa umsebenzi olula, ikhefu lokugula nokunye nje ukungabikho emsebenzini.

(e) Ncenda uqaphele into yokokuba ukuFundiswa nokuVavanywa kwengcingane nokwenza kuya kuqhubeka nangona kunjalo yaye umfundi uya kulahlekelwa ngamathuba ache ovavanyo ngeli thuba engekho.

(f) Izifundo zokuFundiswa nokuVavanywa kweNgcingane nokwenziwa komsebenzi azinakho ukuzinyaswa ze ziqukunjelwe ngeli thuba umsebenzi esenza umsebenzi olula.

4.2.4 ISIXHOBO SOKUKHUSELA UMNTU (PPE)

Bonke abantu, kubandakanywa nabafundi, abavavanyi kunye/okanye abahloli, abahleli nabasebenzi benkxaso baya kunxiba (ehambelana neNFPA) isiXhobo sokuKhusela uMntu (okt. Impahla okanye isixhobo esiyilelwe ukukhusela umzimba kukwenzakala) xa beseluvavanyweni lokwenziwa komsebenzi.

4.2.5 UKUTHINTELWA KOBOYA OBUSEBUSWENI BUNGAHLANGANI NESIXHOBO SOMNTU SOKUPHEFUMLA ESIQULATHIWEYO (SCBA)

Umntu onoboya ebusweni obunokuthi buphazamisane netywina lesiXhobo sokuPhefumla esiQulathiweyo (SCBA) akasayi kuvunyelwa ukuba athabathe inxaxheba kuvavanyo olunokuthi ludinge ukusetyenziswa kwesiXhobo sokuPhefumla esiQulathiweyo (SCBA).

4.2.6 UKUQEQESHELWA KUMLILO OVUTHAYO

(a) Ukuze usinde, abacimi-mlilo kufuneka babe nakho ukucinga ngengqiqo, ngokucacileyo ze basombulule iingxaki msinyane bephantsi koxinzelelo olukhulu. Njengoko oku kunokuba nzima kakhulu ujamelene nomlilo, abaqeqeshi kunye/okanye abaququzeleli kufuneka baqhube uqheliso loqeqesho lomlilo ovuthayo ukunika abafundi amathuba okuphuhlisa la makhono.

(b) Uqeqesho lomlilo ovuthayo novavanyo luya kuqhutywa ngokuhambelana neNdlela eLungileyo esebenzayo kunye/okanye neemfuno zeMpilo noKhuselo. Ngawo onke amaxesha, umsebenzi kufuneka ukhathalelwe uze wenziwe njengomsebenzi okhuselekileyo.

4.2.7 IZIBONELELO NEZIXHOBO

(a) Iqhinga elibalulekileyo kukwenza uhlolo rhoqo nokulolongwa kwezixokelelwano zokucima umlilo, izibonelelo nezixhobo ukuqinisekisa ngokuba zikhuselekile yaye ziyasebenza. Izibonelelo nezixhobo kwindawo yovavanyo ziya kukhuseleka yaye zanele ukulungiselela injongo ethile.

(b) Kwimeko apho izibonelelo nezixhobo zingahambelani nemigangatho ephantsi, uMhleli uya kuthi kwangoko ayimise nayiphi na inkqubo yovavanyo. UMhleli uya kuthi ngokufanelekileyo angenise ingxelo ekufuneka ibonakalse ubume bezibonelelo nezixhobo ekuthethwa ngazo.

4.2.8 UKUNGENISWA KWENGXELO YOKWENZAKALA

Ngokwemiqathango yeOccupational Health and Safety Act, 1993 (uMthetho onguNombolo 83 we-1993), konke ukwenzakala neengozi kufuneka zichazwe ngoko nangoko okanye kamsinyane kwangoko kunako ukulungiselela uvavanyo, ukurekhodwa kunye/okanye ukuphandwa.

## 4.3 IQHINGA LONXIBELELWANO

ISikolo soQeqesho siya kuqinisekisa ngento yokuba yonke ingcaciso ebhekiselele kwimicimbi yoqeqesho ifunyanwa kwangaphambili, ngokusetyenziswa kwezaziso nokupapashwa kweProspektusi yonyaka, ukulungiselela ungathintelwa kwakhe nawuphi na umfundi ngokunjalo nokuqinisekisa ngento yokuba ingcaciso elungileyo iyasasazwa ukuthintela ukungaqondani. Ingcacisio kufuneka ifunyanwe ngabo bonke abantu abanomdla.

## 4.4 INKXASO YOMFUNDI

4.4.1 Inkqubo yoqeqesho kufuneka ijolise kumfundi into ethetha ukuba yonke into kufuneka inxulunyaniswe neemfuno zabo, abakulindeleyo, iimvakalelo nomdla. Abantu abadala bakhetha ukufunda ngenxa yezizathu ezininzi, ikakhulu kunxulumaniso nobomi babo nobume bobuchule babo, izicwangciso nemibono. Kweli lizwe lethu linamandla yaye liguqukayo ukufunda ubomi bonke kube sisidingo nenyaniso.Asikukwanda kwamanani abafundi kuphela, kodwa neyantlukwano yabafundi iyanda ngokunjalo – abantu abanemvelaphi eyahlukeneyo yoqoqosho, yenkcubeko,yobuhlanga, yezopolitiko, yezenkolo, abantu abaneentlobo ezahlukeneyo zokulimala, umahluko kubudala, kwisini, kwiqondo lobugcisa njalo njalo. Banamava obomi obahlukeneyo nawokufunda kunye namaqondo awahlukeneyo amakhono okufunda. Inkxaso yomfundi kufuneka ngoko ibe nemvakalelo kwiyantlukwano yoqoqosho lwentlalo nemvelaphi yoqoqosho. Abafundi abafani bonke yaye ngenxa yeyantlukwano, abafundi banakho ngamanye amaxesha ukungaqheli msinyane. Iinkqubo kufuneka ngoko zibe zezithambele ukwamkela abafundi abahlukeneyo. Nangona okuqulathiweyo nomphumela uya kusoloko umnye, ubude, imethodi, noncedo oludingekayo lunokwahluka.

4.4.2 Phambi kokuqaliswa koqeqesho, bonke abafundi kufuneka baqheliswe baqaliswe kwiimfuno, imigaqo-nkqubo neenkqubo zeSouth African Qualification Authority (SAQA) ezisebenzayo nezifanelekileyo okanye kwezeSouthern African Emergency Services Institute (SAESI) kunye/okanye kwezeInternational Fire Service Accreditation Congress (IFSAC).

4.4.3 Zonke izifundo ziya kubandakanya imodyuli “yoQheliso” apho iqhinga lovavanyo, olubandakanya isicwangciso sovavanyo, isicwangciso sohlelo neemfuno ezilungiselelwe ipotfoliyo yobungqina, (iiPOE), ziya kuxelwa kubo bonke abafundi.

4.4.4 Iincwadi zokufunda kunye/okanye iimanyuwali ziya kukhutshelwa umfundi ngamnye kwisithuba seveki yokuqala yesifundo.

## 4.5 UKHUSELEKO NOKUGCINWA KWEREKHODI

4.5.1 Iirekhodi zomfundi ziqulathe ingcaciso enxulumene ngqo nomfundi, into ethetha ukuba irekhodi ichongelwe umntu ngamnye njengoko ibandakanya, phakathi kwezinye izinto, igama lomfundi, inombolo yesazisi, idilesi, ingcaciso yomntu njl. njl.

4.5.2 Zonke iirekhodi zoqoqosho kufuneka zigcinwe zitshixelwe ngokhuseleko ukuqinisekisa ngokhuseleko nemfihleli yomfundi yaye ingcaciso equlathwe kwiirekhodi ezichaziweyo zoqeqesho ayinakho ukubhengezwa ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yomfundi.

4.5.3 Ilungelo lokubona iirekhodi liya kuminywa linikwe kuphela igosa elinyuliweyo elinoxanduva.

4.5.4 Iirekhodi neekopi zeerekhodi zoqeqesho ziya kugcinwa ziyikopi nakwikhompyutha kangangeminyaka engamashumi amathathu (30) years.

4.5.5 UMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) uzibophelele ekukhuseleni iirekhodi zoqeqesho zabafundi yaye akasayi kukhupha ngcaciso yomntu ochongiweyo komnye umntu ngaphandle kwemvume ebhaliweyo yomfundi.

4.5.6 Imvume ebhaliweyo kufuneka ichaze ukuba iirekhodi mazikhululwe, injongo yobhengezo, ichonge umntu okanye abantu emakubhengezwe kubo, yaye kufuneka iqulathhe utyikityo lomfundi nomhla.

4.5.7 Nangona kunjalo, uMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) unakho ukukhupha ingcaciso kubameli abagunyazisiweyo ukulungiselela uvavanyo neenjongo zophengululo-zincwadi, iiarhente zoqinisekiso eziqhuba imisebenzi yazo yoqinisekiso, amagosa oMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) anomdla osemthethweni woqeqesho ukulungiselela ukuphuculwa koqeqesho okanye nakuwuphi na omnye umntu ukuba ngaba ulwazi lwengcaciso luyimfuneko.

4.5.8 Emva kweminyaka engamashumi amathathu (30), onke amaxwebhu kufuneka alahlwe ngokutshatyalaliswa ngomatshini wamaphepha ukulungiselela ukuba angabi nakho ukufunyanwa nanguye nawuphi na umntu.

4.5.9 Naphantsi kwazo naziphi na iimeko ekufuneka amaphepha emviwo njl.njl. angashiywa evuleleke nakubani na ukuba asetyenziswe gwenxa. Oku kusebenza nakwingcaciso egcinwe kwikhompyutha ekufuneka ikhuseleke ngegama lokungena.

4.5.10 Ingcaciso ekwiFlesh Diski kufuneka ngokunjalo icinywe nje ukuba ingcaciso ifakwe kwikhompyutha.

4.5.11 OoVimba boVavanyo lweziQinisekiso, iimvavanyo ezibhaliweyo kunye nePOE ziya kugcinwa ngawo onke amaxesha ngokhuseleko olukwinqanaba eliphezulu.

4.5.12 Ukusetyenziswa kwamaphepha eemviwo amadala akunakho ukwenziwa ngeenjongo zohlaziyo.

4.5.13 Uvimba wovavanyo kufuneka akhuselwe ngegama lokungena kwikhompyutha yaye iintlobo ezindala zemathiriyeli yovavanyo ekwikhompyuth kufuneka zigcinwe zikhuselekile.

4.5.14 IiCD okanye nawuphi na uvimba wokugcina iikcukacha zolwazi kufuneka zigcinwe ngokhuseleko.

## 5. INGQINISEKISO YOKULUNGA KWEZIFEZEKISO ZOMFUNDI (QALA)

### 5.1 NGOKUBANZI

Injongo yeNgqinisekiso yokuLunga kweziFezekiso zoMfundi (QALA) kukuqinisekisa ngento yokuba:

5.1.1 Iziqinisekiso kunye/okanyeiMigangatho yeYunithi ekwingqwalasela ephambili yeLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) okanye yeSouth African Emergency Services Institute (SAESI) kunye/okanye yeInternational Fire Service Accreditation Congress (IFSAC) (apho kufanelekileyo) ziyafezekiswa zinikezelwe ngokuhambelana neendlela zovavanyo lokulunga.

5.1.2 Iindlela zovavanyo zibekwa iliso, zivavanywe, zihlaziywe ze ziphuculwe rhoqo ngokuhambelana nemithetho-siseko yesikhokhelo sovavanyo ekwiNational Qualifications Framework (NQF).

5.1.3 Abafundi baqhelene neemfuno zovavanyo yaye bayayazi injongo yohlaziyo neendlela zengqinisekiso.

5.1.4 Iimfuno zovavanyo nohlaziyo ziyasetyenziswa kwiziqinisekiso kunye/okanye kwimigangatho yeyunithi ekusekwe kuyo inkqubo nganye yokufunda okanye isifundo esifutshane.

### 5.2 IINQOBO EZILUNGISELELWE INGQINISEKISO YOKULUNGA YEZIFEZEKISO ZOMFUNDI (QALA)

Okuchazwe apha ngasezantsi ziinqobo nemfuno ezilungiselelwe ukuqinisekiswa kwezifezekiso zomfundi njengoko kugunyaziswa yiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) yiEducation and Training Quality Assurance (ETQA):

5.2.1 UBungqina boQinisekiso kunye/okanye uLwamkelo lweNkqubo ukulungiselela isiQinisekiso/iMigangatho yeYunithi eVavanyiweyo neHlaziyiweyo.

5.2.2 IsiQinisekiso kunye/okanye neMigangatho yeYunithi ibhalisiwe yaye iyasebenza kwiNational Qualifications Framework (NQF).

5.2.3 Inkqubo yamakhono ibhalisiwe kunye neLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) (apho kufanelekileyo).

5.2.4 Umnikezeli wenkonzo wamkelwa yiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) ukunikezela iNkqubo yaMakhono.

5.2.5 Ubungqina bokuqiniselwa kweETDPSETA njengomhleli nomvavanyi.

5.2.6 Ukubhaliswa njengomhleli nomvavanyi kunye neLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) ne-Education and Training Quality Assurance (ETQA) kuthelekiswa neziqinisekiso imigangatho yeyunithi eyamkelwe kuyo.

5.2.7 Ubungqina obunokuboniswa beziqinisekiso nobuchule bokuqulathwe sisifundo soMhleli kunye/okanye uMvavanyi buthelekiswa nenkqubo yokufunda ehleliweyo nevavanyiweyo.

5.2.8 Iingxelo zoMhleli zovavanyo oluhleliweyo nohlelo lwerekhodi yeziphumo ebonisa isampulu emalunga ne-10% yovavanyo oluhleliweyo.

5.2.9 Iingxelo zomvavanyi kwiimvavanyo neerekhodi zeziphumo zovavanyo.

5.2.10 Ubungqina obunokubonakaliswa bohlelo novavanyo kuthelekiswa nomgangatho weyunithi/iziphumo zenqanaba lokugqiba kunye neenqobo zovavanyo ezifanelekileyo ekusekwe kuzo inkqubo yokufunda.

5.2.11 Isicwangciso sovavanyo esibonisa ingakumbi indlela ubuchule, kuhlanganiswa kwemigangatho yeyunithi (apho kufanelekileyo), iCCFO, iiSO, iiAC, Imisebenzi, ubungqina, ukuveliswa, iimethodi zovavanyo, izixhobo, iimethodi zokunika amanqaku (umz. %, iGreyidi/engengabi nabuchule).

5.2.12 Irekhodi yovavanyo, uxanduva, amathuba amiselweyo, njl. njl. kufuneka isayinwe ngumfundi ukubonisa ukuba yayichaziwe yaziwa.

5.2.13 Isicwangciso sohlelo esibonisa ubungqina bokokuba imimandla yesicwangciso sovavanyo sihleliwe saze salandelwa ngumvavanyi yaye isampuli yeemvavanyo ezihleliweyo yaqinisekiswa yaye yamelwa.

5.2.14 Iqhinga lovavanyo elichazwe nokucacileyo elinxulunyaniswe kwizicwangciso zovavanyo nohlelo.

5.2.15 Ubungqina obubonakalisiwayo bokokuba imithetho-siseko yeendlela ezilungileyo zovavanyo (ingakumbi uqinisekiso, ubulungisa nokuthembeka) ezimiliselweyo kuyo yonke inkqubo yokufunda.

5.2.16 Ubungqina bokokuba bafunyaniswa bunoBuchule/bungekabi nabo ubuchule xa kuthelekiswa nesiqinisekiso kunye/okanye imigangatho yeyunithi ekusekwe kuyo inkqubo yokufunda ihleliwe/ivavanyiwe/iqinisekisiwe.

5.2.17 Abafundi bafezekise ubuncinane beemfuno zoqinisekiso lwezifundo nomgangatho weyunithi ekusekwe kuyo inkqubo yokufunda.

5.2.18 Iingxelo zempendulo esayiniweyo nguMhleli, nguMvavanyi nomfundi yokuhlelo neemvavanyo.

5.2.19 IKhowudi yokuZiphatha esayiniweyo ngaBahleli naBavavanyi phambi kohlelo novavanyo. Izibhengezo ezisayiniweyo luLuhlu lwaMalungu okanye yiKomiti yeNgqinisekiso yokuLunga, uHlelo noVavanyo kwiimvavanyo ezihleliweyo neemvavanyo.

5.2.20 Ileta eyazisa iLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) Education and Training Quality Assurance (ETQA) echaza ngokuqukunjelwa kweemvavanyo nohlelo, nokucela uqinisekiso lwezifezekiso zomfundi.

5.2.21 Ukuba nje iLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) Education and Training Quality Assurance (ETQA) inokufumana bonke ubungqina obudingekayo, inkqubo yoqinisekiso iya kuqhutywa ukuqinisekisa ngoqinisekiso lwabafundi nokufakwa kwiNLRD.

## 5.3 UBHALISO LWESIFUNDO NOMFUNDI

5.3.1 Izifundo zoqeqesho kuba nabafundi abangaphezulu kweshumi elinesihlanu kuMqeqeshi oqinisekisiweyo ngamnye kunye/okanye uMququzeleli. Ngabafundi abaqeshiweyo kuphela okanye abagciniweyo kwiNkonzo etyunjiweyo yokuKhawulezileyo abanakho ukubhaliselwa isiQinisekiso seNational Fire Protection Association (NFPA) 1001 okanye iSatifikethi seSizwe, ngeli thuba omnye umgangatho weyunithi osekwe kwizifundo zethuba elifutshane ziya kuxhomekeka kwimfuno esebenzayo yomfundi.

5.3.2 Bonke abenzi zicelo kufuneka beze ngokwabo ukuza kubhalisa kunye:

(a) Ikopi eqinisekisiweyo yencwadi yesazisi;

(b) Apho kufanelekileyo okanye ukuba kuyimfuneko, kufuneka kukhutshwe iikopi eziqinisikisiweyo zezatifikethi ezifanelekileyo;

(c) Banikezela ngesatifikethi esivela kugqirha obhalisiweyo echaza ukuba baphile qete ngokwasempilweni ukuba bangangenela uqeqesho olunzima lomzimba; yaye

5.3.3 Ukulungiselela izifundo zesiseko zokuCima uMlilo bonke abafundi baya kunyanzeleka ukuba bangenele uvavanyo lomzimba ngosuku lokubhalisa ngokubaleka 2,4 km ekufuneka kugqitywe kwisithuba semizuzu engamashumi amabini (20). Ukusilela ukufezekisa eli nqanaba lokuqala lokuphila qete kuya kukwenza ungamkelwa njengomfundi ungabinakho ukuzimasa isifundo esilandelayo.

5.3.4 ILeta yokuZimisela kunye/okanye iFomu yokuBhalisa, ukwenza isifundo sethuba elifutshane esiqinisekisiweyo okanye inkqubo yokufunda, kufuneka ingeniswe kwiveki ezimbini phambi kokuqaliswa kwesifundo kwiSouth African Emergency Services Institute (SAESI) kunye/okanye kwiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA).

5.3.5 Iinkcukacha zokugqibela zomfundi zinakho ukungeniswa kungadlulanga iintsuku ezimbini zomsebenzi emva kokuba isifundo siqalisile.

(a) Phambi kweenkqubo zoqeqesho ezicwangisiweyo, izifundo zesithuba esifutshane okanye iinkqubo zamakhono ziyaqalisa iSikolo soQeqesho siya kuqhagamshelana neOfisi eyiNtloko yeSouth African Emergency Services Institute (SAESI) kunye/okanye kwiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) ze sithumele ezi nkcukacha zilandelayo kwiifomu ezichaziweyo:

(i) Igama elibhalisiweyo leZiko loQeqesho eliqinisekisiweyo;

(ii) Isihloko senkqubo yoqeqesho (umz. UMcimi-mlilo I);

(iii) Amagama abaQeqeshi/uMququzeleli/Abavavanyi avaya kuqhuba uqeqesho novavanyo, kunye neenombolo zezatifikethi zabo;

(iv) Amagama neenombolo zezazisi zabafundi abaya kuthabatha inxaxheba kwinkqubo yoqeqesho;

(v) IZikhululo zoMlilo kunye/okanye iindawo oluya kuqhutywa kuzo uqeqesho.

(b) Le ngcaciso ingasentla kufuneka iqinisekiswe nguMlawuli kunye/okanye Senior Official from the Training Centre.

(c) INombolo yesiNgqinisiso yeSifundo soQeqesho iya kukutshwa yiSouth African Emergency Services Institute (SAESI) yiKomiti yoQinisekiso okanye yolwamkelo ephuma kwiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA), naliphi na elifanelekileyo.

## 5.4 IQHINGA LOVAVANYO

Iqhinga lovavanyo luvavanyo ngokubanzi lweqhinga lwenkqubo yovavanyo eya kuthi ibonise, phakathi kwezinye izinto, indlela ingcingane nomiliselo lomsebenzi luya kuvavanywa, ziziphi iimfuno zemvavanyo ezisinyanzelo ekufuneka ziqaliswe ngabafundi (kubandakanywa iimvavanyo zangaphandle), ngokunjalo neemfuno ezangezelelweyo zovavanyo ezilungiselelwe iinkqubo zamakhono nezifundo zethuba elifutshane njl. njl. Oku kunokubandakanya ngokunjalo iimvavanyo ezihlangeneyo, ingqwalasela kwimfundo yangaphambili, ukufumana nengxelo kubafundi, uvavanyo kwakhona nokuncedwa, njl. njl.

## 5.5 UMGAQO-NKQUBO NEENKQUBO ZOVAVANYO

Kwisithuba senqanaba loqheliso lwesifundo, bonke abafundi baya kwaziswa oku kulandelayo, okuya kuba yipotfoliyo yobungqina(POE):

5.5.1 Amanani abafundi beentlanga ezahlukeneyo
5.5.2 Imbali yeNgqesho
5.5.3 Imigangatho yeYunithi okanye izifundo zethutyana ekufuneka zivavanywe
5.5.4 Amanqanaba esiCwangciso-nkqubo seSizwe seziQinisekiso (NQF)
5.5.5 IsiCwangciso soVavanyo
5.5.6 IsiKhokhelo sesiCwangciso soVavanyo
5.5.7 INkqubo yoVavanyo
5.5.8 INkqubo yokuBhena
5.5.9 IFomu yokuBhena yoVavanyo
5.5.10 Uvavanyo olubhalwayo
5.5.11 Isifundo sokwenziwa komsebenzi
5.5.12 Isikali sokulinganisa
5.5.13 Uluhlu lwemibuzo lobuyiso
5.5.14 Uvavanyo / Ukugweba
5.5.15 Iirekhodi zeziphumo zovavanyo
5.5.16 Ingxelo kumfundi
5.5.17 Ingxelo yoMfundi noXwebhu lweeNqobo ezisesikweni
5.5.18 Uvavanyo ngokutsha noXwebhu lokuPhucula
5.5.19 INgxelo yoHlelo

## 5.6 IZIBHENO

Bonke abafundi banelungelo lokubhenela nasiphi na isiphumo sovavanyo esingenabulungisa esinokubangela ukuba bafunyaniswe bengekafaneleki. INkqubo yeZibheno kufuneka ixelwe kubo bonke abafundi phambi kokuba uvavanyo luqaliswe.

5.6.1 Umfundi othanda ukubhena uvavanyo alubona lungenabulungisa unakho:

(a) Ukuwuphakamisa umba ngethuba lenkqubo yokunikwa kwengxelo kubo.

(b) Ukuba akanelisekanga, kamva:

(i) Angacela ixesha ngembalelwano lokubona uMqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi kwisithuba seentsuku ezintlanu (5) zeveki emva kokuqhutywa kovavanyo (ixesha libekiwe ukulungiselela ukuba kuqhubeke ukufundwa kwezinye iimodyuli (uqeqesho luqhubeke) neemvavanyo ezinxulumene noko).

(ii) Uthethwano maluqhutywe kukho ilungu labasebenzi elikwiqondo eliphezulu elingachatshazelwa ngulo mba.

5.6.2 Ingxelo kubafundi:

(a) UMqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi uya kuvavanya ngokutsha isiphumo ze anike ingxelo kwisithuba seentsuku ezintathu emva kokumanyelwa kwesibheno.

(b) Ingxelo iya kunikezelwa ngembalelwano, kubo bonke abachaphazelekayo ababekho ngexesha lenkqubo yokubhena.

(c) Irekhodi yesiphumo esibhaliweyo iya kugcinwa kwifayile kwiSikolo soQeqesho, ngokwemiqathango yeemfuno zomthetho kavimba okanye iimfuno zangaphakathi, nokokuba yiyiphi na enkulu kunenye.

5.6. wimeko yezibheno ezibe yimpumelelo, uMqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi banyanzeleke ukuba:

(a) Babeke umhla wovavanyo kwakhona ze bazise umfundi ngamalungiselelo.

(b) Amalungiselelo abhekiselele ku (a) ngasentla kufuneka abandakanywe kwisiphumo esibhaliweyo (Khangela uMhlathi 5.4.2(c)).

(c) Ukuba kuyimfuneko, uthethwano phakathi koMqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi nomfundi lunakho ukufuneka ukumisela imihla / amaxesha / iindawo ekuvunyelwene ngazo

(d) UMqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi uya kuqhuba uvavanyo lwesibini apho kuyimfuneko.

5.6.4 Ukuba ngaba umfundi uyasikhaba isiphumo sesibheno, okanye, iziphumo zovavanyo lwesibini, uMlawuli weSikolo soQeqesho loMlilo noHlangulo kufuneka angenelele ukusombulula impixwano yaye irekhodi ebhaliweyo yeenkqubo kufuneka incanyathiselwe kuvavanyo lomfundi ze ikopi ifayilishwe kwiRejista yeZibheno.

5.6.5 Kwimeko apho kungekho sivumelwano:

(a) Inkqubo yesikhalazo inakho ukulandelwa.

(b) Ukuba ngaba inkqubo yesikhalazo asiyiyo enokulandelwa (umz. Abafundi bangaphandle), isibheno kufuneka sithunyelwe kwiSouth African Emergency Services Institute (SAESI) iKomiti yoQinisekiso kunye/okanye iLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) ukuba isebenze, isombulule ze irekhode.

5.6.6 Kuzo zonke iimeko zezibheno kunye/okanye zempixwano, ikomiti yoqinisekiso yeSouth African Emergency Services Institute (SAESI) okanye iLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) kufuneka ixatyiselwe iimeko, iinkqubo neziphumo.

## 5.7 IIMVAVANYO ZENGCINGANE/EZIBHALWAYO

Iimvavanyo ezibhaliweyo ziya kuqhutywas kuzo zonke izifundo. Iya kuba yiNFPA 1041 eqinisekisiweyo yoMqeqeshi woMlilo I/abasebenzi boMvavanyi okhoyo kuphela abaya kulawula iimvavanyo ezibhaliweyo, uMqeqeshi/uMvavanyi kufuneka abe ngaphandle kwesifundo, kungathethi ukuba bangaphandle kumbutho.

5.7.1 Inqaku eliphantsi kuzo zonke iimvavanyo ezibhaliweyo liya kuba ngama-70% ukulungiselela ukuqinisekiswa njengonobuchule. QAPHELA: Ukulungiselela uvavanyo lwesikhokhelo sokusabela kwimeko ekhawulezileyo seHazmat Awareness emergency response guide (ERG) i-100% liyadingeka.

5.7.2 Abenzi besicelo baya kunikwa amathuba okulinga amathathu (3) ukufezekisa iimfuno eziphantsi zesiqinisekiso.

5.7.3 Imilo yeemvavanyo imiselwa yiSouthern African Emergency Services Institute.

5.7.4 Imilo yawo onke amanye amaphepha aya kuba ngolu hlobo lulandelayo: ubukhulu bama-60% iya kuba yimibuzo onikwe kuyo iimpendulo ekufuneka ukhethe kuzo, ubukhulu be-10% iya kuba yimibuzo edinga impendulo ethi Yinyani kunye Asiyonyani. Eseleyo iya kwenziwa ngemibuzo ekufuneka ufakele igama kwisithuba esishiyiweyo, khetha eyona mpendulo ichanekileyo, lebhelisha imizobo njl. njl.

5.7.5 Ukubhala kwakhona kufuneka kwahluke kwiinzame zokubhala zokuqala.

5.7.6 Abafundi ababhala kuphela uVavanyo olunye ekupheleni kwesifundo, ekubonwa into yokokuba abakafaneleki ukuba babhale uvavanyo olubhalwayo, banokuvunyelwa ukuba bahlalele uvavanyo lwesibini kungadlulanga iintsuku ezintlanu (5) ukususela kumhla wovavanyo lokuqala, yaye uvavanyo lokugqibela (olwesithathu) luya kucwangciselwa isithuba seentsuku ezili-(14) emva kovavanyo lwesibini okanye ngesivumelwano phakatghi kwabachaphazelekayo.

5.7.7 Abafundi ababhala uVavanyo oluSekwe kwiModyuli kwesi sithuba sesifundo, ekubonwa into yokokuba abakalulungeli uvavanyo olubhalwayo, banakho ukuvunyelwa ukuba bahlalele uvavanyo kungadlulanga iintsuku ezimbini (2) ukususela kumhla wovavanyo lokuqasla, yaye uvavanyo lokugqibela (olwesithathu) luya kucwangciselwa isithuba esingadlulanga kwiintsuku ezintathu (3) emva kovavanyo lwesibini okanye ngesivumelwano phakathi kwabachaphazelekayo.

5.7.8 Ukuba ngaba abagqatswa abakafaneleki emva kwamathuba eemvavanyo amathathu (3), banakho ukungenela kwakhona inkqubo yovavanyo kungadlulanga isithuba seenyanga ezintandathu (6) ukususela kumhla wovavanyo lokugqibela.

5.7.9 IKomiti yoQinisekiso inakho ukwamkela iimvavanyo zomlomo (ukulungiselela ukulimala ngokwasekufundeni apho kufanelekileyo) kuxhonyekekwe kwisicelo esibhaliweyo kunye namaxwebhu axhasayo. Ukuba samkelwe nguSihlalo weKomiti yoQinisekiso, ezi mvavanyo kufuneka ziqhutywe phambi koMhleli.

5.7.10 Iintlobo ezintsha zemviwo ezibhalwayo ziya kuveliswa rhoqo kwisithuba seenyanga ezintandathu (6), okanye ukuba ngaba uvavanyo luyakrokrisa okanye lulahlekile.

## 5.8 IIMVAVANYO EZENZIWAYO/ZOKWENZIWA KOMSEBENZI

NguMqeqeshi woMlilo oqinisekisiweyo/abasebenzi boVavanyo beNFPA 1041 ekhoyo kuphela abanakho ukuqhuba iimvavanyo ezenziwayo. AmaGosa oKhuselo atyunjiweyo aya kubonelelwa siSikolo soQeqesho ukuba abonelele ngokhuselo lomfundi ngethuba leemvavanyo ezenziwayo zekhono.

5.8.1 Abagqatswa/abafundi baya kudingeka ukuba bafumene i-100% “kuBuchule boKwenziwa koMsebenzi".

5.8.2 Phambi kokuba uvavanyo lomfundi luqalise, uMqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi unokuphendula imibuzo ethe ngqo ngesixhobo, kubandakanywa kodwa kungaphelelwanga kumbolekisi wesixhobo iPersonal Alert Safety System (PASS), iSelf Contained Breathing Apparatus (SCBA), izixhobo ezisebenza ngombane, abafundisi ngogwebu, nesixhobo omamela nobona ngaso.

5.8.3 Iimpendulo ziya kuphelela kwezo zingabhengezi indlela yokusetyenziswa kwesixhobo, kodwa ziya kunceda umfundi nesixhobo esiya kuthi sahluke kuneso sikwingingqi yabo yolawulo. AbaQeqesh kunye/okanye abaVavanyi abangelindeleki ukuba baphendule nayiphi na imibuzo ukuba nje umfundi ukhe waqalisa ukubonakalisa ikhono.

5.8.4 Umqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi uya kulichaza ikhono/injongo ekufuneka ihlolwe kunye nexesha elimiselweyo.

5.8.5 Abaqeqeshi kunye/okanye abaVavanyi abanakho ukunceda okanye ukufundisa umfundi nakuliphi na ikhono ukuba inkqubo yovavanyo lwesiqinisekiso sele iqalile.

5.8.6 Abaqeqeshi kunye/okanye abaVavanyi kufuneka bavumele umfundi ukuba aqukumbele ikhono engaphazanyiswa, ngaphandle kokuba ukhuseleko lomfundi kunye/okanye lomvavanyi kunye/okanye nawuphi na umsebenzi lusemngciphekweni.

5.8.7 Abagqatswa banikwa amathuba amathathu (3) ukufezekisa amakhono aphantsi okusebenza.

5.8.8 Abagqatswa abathe abaphumelela kuvavanyo lokusebenza, ngomhla wovavanyo lokuqala emva kokunikwa amathuba amabini, kufuneka bavavanywe kwakhona kwikhono lokwenza ukususela kumacandelo akumgangatho kulo bangakhange baphumelele kuwo, kungadlulanga iintsuku ezilishumi elinesine (14) ukususela kumhla wethuba lesibini okanye ngesivumelwano phakathi kwabachaphazelekayo.

5.8.9 Ifomu yovavanyo kufuneka isayinwe nguMqeqeshi, uMvavanyi. uMfundi noMhleli.

5.8.10 Ukuba abagqatswa abaphumelelanga emva kovavanyo lokwenza lwamathuba amathathu (3), kufuneka bangenele uqeqesho kwakhona kunye nenkqubo yoqeqesho kungaphelanga iinyanga ezintandathu (6) ukususela kuvavanyo lokugqibela.

5.8.11 Apho kunye/okanye xa amakhono eqela kufuneka avavanywe, uMqeqeshi kunye/okanye uMvavanyi uya kuqinisekisa ngento yokuba abantu abanobuchule abanakuze baminywe ngenxa yokuba bengekafaneleki ngenxa yendlela engalunganga yokusebenza yamalungu eqela.

5.8.12 Abaqeqeshwa abalinde ukuvavanywa akufuneki babone iimvavanyo zokwenza zabanye abaqeqeshwa.

5.8.13 Ukuba nje luqukunjelwe uvavanyo lokwenza labaqeqeshwa, umqeqeshi othe waqukumbela uvavanyo akasayi kuvunyelwa ukuba anxibelane nabaqeqeshwa abasalindele uvavanyo lokwenza.

## 5.9 UMHLELI

Abaqeqeshi/abaququzeleli/abavavanyi/abahleli, amaGcisa eMfundo noQeqesho kufuneka agcine iMigangatho yeSizwe/yeHlabathi ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba bonke abafundi bayavavanywa ngokungaguqukiyo, ngokuchanekileyo nangendlela eyilwe kakuhle. Uhlelo lovavanyo lwenzeka kwinqanaba leSikolo soQeqesho (uhlelo lwangaphakathi), yaye kwinqanaba leSouth African Emergency Services Institute (SAESI) iKomiti yoQinisekiso okanye iKomiti yoQinisekiso okanye iEducation and Training Quality Assurance (ETQA) (umhleli wangaphandle).

5.9.1 UMhleli kufuneka:

(a) Abe namava eminyaka emithathu (3) ubuncinane njengomqeqeshi weNational Fire Protection Association (NFPA) 1041, yaye kufuneka aqeshwe liziko loqeqesho eliqinisekisiweyo ukulungiselela ukuba amkelwe njengomhleli; okanye

(b) Abe nguMqeqeshi weNational Fire Protection Association (NFPA) 1041 yaye abe nguMhleli obhalisiweyo weETPD SETA, yaye abe uqeshwe liZiko loQeqesho eliQinisekisiweyo.

5.9.2 Ingxelo yaBahleli iya kwamkelwa kuphela yiKomiti yoQinisekiso okanye yiEducation and Training Quality Assurance (ETQA) ukuba:

(a) Ingenisiwe ngemilo echaziweyo;

(c) Ifomu yokuqala okanye iinkcukacha zolwazi kufuneka Zithunyelwe kwiKomiti yoQinisekiso okanye kwiEducation and Training Quality Assurance (ETQA);

(c) Ikopi kufuneka inikezelwe kwiSikolo soQeqesho;

(d) Ikopi kufuneka igcinwe nguMhleli;

(e) UMhleli makasayini iifomu zovavanyo zabafundi abathe bakhethwa; yaye

(f) Zonke ezingenisiweyo okanye amagqabantshintshi arekhodwe guMhleli kufuneka enziwe **nge-inki eluhlaza engacimiyo**.

5.9.3 Imisebenzi yomhleli ibandakanya unxibelelwano lovavanyo lwangaphambili noMqeqeshi kunye/okanye aBavavanyi, unxibelelwano ngethuba leemvavanyo kunye nonxibelelwano lovavanyo lwakamva. UMhleli wangaphakathi kufuneka abekho kwiimvavanyo zengcingane nezokwenza.

**5.9.4 Imisebenzi engundoqo yenkqubo yohlelo:**

(a) Kukuqinisekisa into yokuba iimvavanyo zinobulungisa, zisemthethweni, zithembekile yaye ziyasebenza;

(b) Kukuchonga isidingo sokuyila ngokutsha iimvavanyo ukuba kuyimfuneko;

(c) Kukunikezela ngenkqubo yezibheno kulungiselelwa abafundi abanganelisekanga;

(d) Kukuvavanya indlela yokusebenza yabafundi;

(e) Kukuvavanya idlela yokusebenza yaBaqeqeshi kunye/okanye aBavavanyi;

(f) Kukunikezela ngeenkqubo ezilungiselelwe ukucinywa kobhaliso lwaBaqeqeshi kunye/okanye aBavavanyi abanganelisiyo;

(g) Kukunikezela ngengxelo kwiKOMITI YENGQINISEKISO ngemigangatho neziqinisekiso.

**5.9.5 UHlelo lwangaphakathi**

ISikolo kufuneka sibenaBahleli baNgaphakathi abaya:

(a) Kubeka emgangathweni uvavanyo kubandakanywa nocwangciso.

(b) Kubeka iliso kwiimvavanyo, ngokunjalo noyilo, iziphumo, ubungqina nezigqibo zaBaqeqeshi kunye/okanye aBavavanyi, ukulungiselela uvumelwano.

(c) Kulungelelanisa iintlanganiso zaBaqeqeshi kunye/okanye yaBavavanyi ngokunjalo nokunxibelelana naBahleli bangaphandle.

(d) Kunikezela inkxaso, ingcebiso nesikhokhelo kuBaqeqeshi kunye/okanye kuBavavanyi.

**5.9.6 UHlelo lwangaphandle**

(a) Uhlelo lwangaphandle yindlela yokuqinisekisa ngento yokuba abanikezeli ngenkonzo ababhalisiweyo abaqinisekisiweyo ababini okanye abangaphezulu benikezela ngeenkqubo kumgangatho omnye weNational Fire Protection Association (NFPA) novavanyo lweziqinisekiso ezihambelana nomgangatho omnye yaye ngendlela eyilwe kakuhle.

(b) Iinkqubo, ingcamango neenkxalabo zoHlelo lwangaphandle ziya kulawulwa yiKOMITI YOQINISEKISO okanye iKOMITI YOQINISEKISO OKANYE iEDUCATION AND TRAINING QUALITY ASSURANCE (ETQA).

(c) UHlelo lwangaphakathi lubandakanya:

  (i) Ukuhlolwa kwento yokuba iinkqubo zenkxaso zifanelekile yaye zisebenza ngokufanelekileyo;

  (ii) Ukunikezelwa kwengcebiso nesikhokhelo kuBanikezeli ababhalisiweyo abaqinisekisiweyo;

  (iii) Ukugcinwa kwesibonelelo sovavanyo ngokubanzi kubo bonke aBanikezeli ababhalisiweyo abaqinisekisiweyo;

  (iv) Ukuhlolwa kwento yokuba aBavavanyi kunye/okanye aBahleli bafanelekile yaye banamava;

(v) Ukuhlolwa ukuthembeka kweemethodi zovavanyo nezixhobo;

(vi) Ukuhlolwa kweenkqubo zohlelo lwangaphakathi;

(vii) Ukuqinisekisa kovumelwano ngokusetyenziswa kwesampulu, iinkqubo zovavanyo zokubekwa kweliso kunye nobungqina bomfundi;

(viii) Ukuhlolwa kwezigqibo zoMvavanyi kunye/okanye zoMhleli.

*IMETHODI YOHLANGANISO YOHLELO ISISINYANZELO. ABAFUNDI ABAKHETHWE KWIQELA UKULUNGISELELA UKUBEKWA KWELISO BAYA KUBA NGABAMELI BEQELA NGOKUHAMBELANA NOBUDALA, ISINI, UHLANGA NAMAVA.*

## 5.10 UMNGENI KWINKQUBO

Umfundi oqeshiweyo okanye ogcinwe emsebenzini kwiNkonzo eKhawulezileyo echongiweyo waze wafumana amakhono nolwazi ngenxa yamava omsebenzi unakho “ukucela uMngeni” nakuwuphi na umsebenzi owenziwayo / ubuchule bengcingane, ngaphandle kokuba:

5.10.1 ISikolo soQeqesho soMlilo noHlangulo seCape Winelands sinakho ukubamkela abafundi abanjalo okanye “iZifundo ezibiza umngeni”.

5.10.2 Isicelo sokucela umngeni senziwa kwifomu yolwamkelo yokwenziwa kwesicelo ekufuneka sisayinwe ngumphathi womenzi wesicelo ze ungqinisiswe liGosa lakhe loMlilo eliyiNtloko.

5.10.3 Umfundi unakho ukuvavanywa ngaxeshanye nabafundi abasisigxina.

## 5.11 QAPHELA

5.11.1 Inani elikhulu leemvavanyo zokwenza zeNkonzo yoMlilo nokuKhawuleza zibanzi yaye zinakho ukukhokhelela kukwenzakala okubi kunye/okanye umonakalo kwisixhobo ukuba azenziwanga ngokuhambelana neenkqubo ezichaziweyo. Ukwangezelela uxinzelelo lomzimba lunokudingeka.

5.11.2 Ngoko, nawuphi na umntu ofuna “ukucela uMngeni” kufuneka abe nengcebiso esayiniweyo evela kuMphathi wakhe ze yaqinisekiswa liGosa loMlilo eliyiNtloko, eya kuchaza into yokuba umenzi wesicelo unobuchule boyilo, ukusebenza nominyo lwesixhobo, yaye uyahlangabezana nomgangatho wokuphila qete okwamkelekileyo konyango womzimba yaye apho kufanelekileyo, ubungqina buya kucelwa yaye bufunwe.

## 5.12 OKUNXAMNYE NOMTHETHO OKUBANDAKANYA ABAFUNDI

Inkqubo ekufuneka ilandelwe xa kuqwalaselwa okunxamnye nomthetho okubandakanya abafundi iya kuxhomekeka xa okunxamnye nomthetho kuchongiwe kunye nohlobo lokunxamnye nomthetho. Okunxamnye umthetho kovavanyo kunemiba erheshayo yezomthetho nolulelo yaye ngoko iinkcukacha zenkqubo zibalulekile ukujongana nokunxamnye nomthetho ngendlela efanelekileyo nevumelanayo.

5.12.1 Phambi kovavanyo olubhaliweyo:

Oku kuya kusebenza kubafundi abafumana ingcaciso yohlolo phambi kokubhalwa kovavanyo. Inyathelo lokuqala kukuqinisekisa ngokuvuza kwephepha nobungakanani bokuvula. Umvavanyi / umhleli angalumisa uvavanyo aze anikezele ngovavanyo olubhaliweyo olutsha endaweni yoludala. Umba wokuvuza unokulandelwa.

5.12.2 Ngethuba lovavanyo olubhalwayo:

Ukuba umlindi uzanelisile ngento yokuba umfundi waphule nawuphi na umyalelo wovavanyo ngokuzama ukwenza okanye ngokwenza isenzo sokungathembeki, kufuneka:

(a) Athimbe amaphepha afanelekileyo;

(b) Athabathe incwadi yokuphendula yomfundi aze asayine ngaphandle kwiphepha elingaphandle “incwadi yokuphendula ithinjiwe ………… (ixesha ngenxa ...............(isizathu);

(c) Anikezele enye incwadi yokuphendula kumfundi aze ayisayine ngaphandle kwiphepha elingaphandle “incwadi entsha inikezelwe ………… (time);

(d) Yazisa umfundi okokuba imvume yokokuba aqhube novavanyo ayisosixolelo zetyala lakhe;

(e) Yazisa umfundi okokuba isenzo siya kuxelwa kwi-Institute okanye kwiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA);

(f) Cela umfundi ukuba abhale ingxelo ngomcimbi emva kukuqukunjelwa kovavanyo. (Ukuba umfundi uya ukunika ingxelo umlindi kufuneka abhale inqaku ngalo mba awuthumele kuMbhalane kwiSouth African Emergency Services Institute (SAESI) kwiOfisi eyiNtloko okanye kwiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA)).

5.12.3 Naphantsi kwazo naziphi na iimeko apho kungekho nawuphi na umfundi oya kuthi anikwe ixesha elangezelelweyo ukuba agqibe uvavanyo.

5.12.4 Umlindi unokuthimba incwadi yempendulo yomfundi aze amgxothe kwindawo yovavanyo ukuba ngaba, emva kwesilumkiso, uyaqhuba edala isiphithi-phithi okanye abe eqhubeka ukungathobeli omnye umyalelo wovavanyo.

5.12.5 Ngoko nangoko emva kovavanyo umvavanyi kufuneka agqibezele ingxelo ezeleyo yaye uphando kufuneka luqalise, olunganomphumela ekugqibeleni wokokuba umfundi abe uyagxothwa kwisifundo ze iziphumo zakhe ziphuthiswe.

5.12.6 ISouth African Emergency Services Institute (SAESI) iKomiti yoQinisekiso OKANYE iLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) iya kwaziswa ngeenkcukacha neemeko ezijikeleza nasiphi na isehlo esityholwayo.

## 5.13 INGQWALASELA YEMFUNDO YANGAPHAMBILI (RPL)

5.13.1 I-RPL yeziqinisekiso ezamkelweyo yiSAQA:

ISikolo soQeqesho siyakwamkela ukufunda kwangaphambili ze sense ingcebiso yokukhutshwa kwesatifikethi kubenzi bezicelo ngokusekwe kulwazi, uqeqesho amava omsebenzi nenkonzo kwinkonzo echongiweyo yomlilo nenkonzo ekhawulezileyo, ngaphandle kokuba:

(a) Ukungeniswa kweNgqwalasela yeMfundo yaNgaphambili (RPL) ikwifomu yesicelo echaziweyo kunye namaxwebhu enkxaso.

(b) Ubungqina bemfundo yangaphambili bungeniswe okt. Ipotfoliyo yobungqina, njl. njl.

(c) Inqobo ephantsi ngokweemfuno zoMgangatho weYunithi ekwenziwe isicelo ngazo zanelisiwe.

5.13.2 I-RPL elungiselelwe iziqinisekiso ezamkelweyo zeSAESI/IFSAC:

IKomiti yoQinisekiso iya kwamkela ukufunda kwangaphambili ze yenze ingcebiso yesiqinisekiso kubenzi besicelo ngokusekwe kulwazi, uqeqesho, amava omsebenzi kwinkonzo yomlilo, ngaphandle kokuba:

(a) Ukungeniswa kweNgqwalasela yeMfundo yaNgaphambili (RPL) ikwifomu yesicelo echaziweyo;

(b) Ubungqina beNgqwalasela yokufunda kwaNgaphambili (RPL) bungenisiwe;

(c) Iinqobo yeemfuno ngokweSAESI zanelisiwe;

(d) Umrhumo ofunekayo wolwahlulo uhlawulwe;

(e) Ingcaciso ekwisicelo iqinisekisiwe nguMlawuli woQeqesho kunye neNtloko yoMbutho/yeSebe.

## 5.14 UKUQINISELWA NESIQINISEKISO

### 5.14.1 I-SOUTH AFRICAN EMERGENCY SERVICES INSTITUTE (SAESI)

(a) ISikolo soQeqesho soMlilo noHlangulo saseCape Winelands siya kukhupha ingxelo yeziphumo kubo bonke abafundi abanobuchule, ekufuneka benze isicelo kwiSouth African Emergency Services Institute (SAESI) kunye/okanye kwiInternational Fire Service Accreditation Congress (IFSAC) ukulungiselela isiqinisekiso.

(b) I-South African Emergency Services Institute (SAESI) kunye/okanye i-International Fire Service Accreditation Congress (IFSAC) zidinga ito yokokuba yonke imibutho ethabatha inxaxheba nabafundi bayo iya kulandela imiGaqo-nkqubo neeNkqubo ezisekiweyo zesiqinisekiso.

(c) Umbutho ngamnye othabatha inxaxheba unoxanduva lokuqinisekis ngento yokuba abenzi bezicelo bayazifezekisa iimfuno zonyango nokuphila qete eziyi-1582 ne-1583 zeNational Fire Protection Association (NFPA).

(d) Abafundi baya kuba neminyaka elishumi elinesibhozo ubudala (18) phambi kokuba bangenele inkqubo yesiqinisekiso kwiKomiti okanye babe nobungqina bemvume.

(e) Abafundi abenza izicelo zesiqinisekiso kwiSebe labo okanye umbutho kufuneka bafumane imvume yoMphathi ze iqinisekisiwe yintloko yombutho kunye/okanye iSebe, laloo mbutho.

(f) Amava, izifundo zoqeqesho nemfundo kunye/okanye uqiniselo (Khangela kwi SAESI RPL).

(g) Bonke abafundi kufuneka bahlangabezane okanye bazidlule iinjongo ezisekiweyo nezifanelekileyo ezibhaliweyo nezokwenza umsebenzi zeNational Fire Protection Association (NFPA) phambi koqiniselo.

(h) Abenzi bezicelo banakho ukungenela inkqubo yoqiniselo nakuliphi na inqanaba, ngaphandle kokuba zonke iimfuno ezidingekayo zelo nqanaba zihlangatyeziwe, phambi koqiniselo.

(i) Iziqinisekiso ziya kuhlala zisemthethweni kangangesithuba esingena siphelo, ngaphandle kwemeko yenguqu kwikharityhulam, xa iinkqubo ezongezelelweyo zinokufuneka ukulungiselela amanqanaba amatsha naphakamileyo yoqiniselo.

(j) UPhuhliso loBuchule obuQhubekayo (CPD) alusasetyenziswa ngokwakaloku nje.

(k) Ukuba nje iinkqubo nezifundo zoPhuhliso loBuchule obuQhubekayo (CPD) (kubandakanywa amaxabiso ezifundo) zinokusekwa kuMazantsi eAfrika, ezi ngcamango ziya kuphuhliswa.

5.14.2 I-LOCAL GOVERNMENT SECTOR EDUCATION AND TRAINING AUTHORITY (LGSETA)

(a) ISikolo soQeqesho soMlilo noHlangulo saseCape Winelands siya kukhupha ingxelo yeziphumo kubo bonke abafundi abafunyaniswe benobuchule kwimigangatho yeyunithi, kwizifundo zethuba elifutshane okanye iinkqubo zokufunda, de ibe ifumene igunya elivela kwi-Local Government Sector Education and Training Authority (LG Seta) ukulungiselela ukukhupha iziqinisekiso.

(b) Iya kuthi nje iLocal Government Sector Education and Training Authority (LG Seta) iKomiti yoQinisekiso okanye i-Education and Training Quality Assurance (ETQA) ifumane bonke ubungqina obufunekayo, inkqubo yengqinisekiso iya kuqhutywa ukuqinisekisa ngoqiniselo lwabafundi nokufakwa kwiNational Learner Records Database Systembos (NLRD).

## 5.15 IINKQUBO ZOKUKHUTSHWA KWESIQINISEKISO ZESIKOLO SOQEQESHO LOMLILO NOHLANGULO SASECAPE WINELANDS

ISikolo soQeqesho siya kukhupha iziqinisekiso kuphela zemigangatho yeyunithi ezimeleyo, izifundo zesithuba esifutshane okanye iinkqubo zokufunda eziqinisekisiweyo. IiRekhodi zazo zonke iziqinisekiso ezikhutshiweyo nemihla, utyikityo, ubungakanani beziqinisekiso neenombolo ezilandelelanayo ziya kugcinwa kwigumbi elikhuselweyo ekungafane kungenwe kulo.

5.15.1 Ukuba nje luqukunjelwe uqinisekiso lwezifezekiso zomfundi yiLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) nemvume ibe inikezelwe yiKomiti yoQinisekiso okanye i-Education and Training Quality Assurance (ETQA), iSikolo soQeqesho siya kukhupha iziqinisekiso kubafundi abafanelekileyo:

(a) Ngokuqinisekisa ngabamkele iziqinisekiso;

(b) Ngokuqinisekisa iinkcukacha zengcaciso yesiqinisekiso ngokwemvume yeLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) ngaphambi nasemva koshicilelo;

(c) Ngokuqinisekisa ngento yokuba zonke iziqinisekiso zineenombolo ezilandelelanayo ezikhutshelwe ukunceda kukuzifayila nophengululo-zincwadi;

(d) Ngokuqinisekisa ngento yokuba zonke iziqinisekiso ziya kugcinwa zaye ziya kuba nale ngcaciso ilandelayo:

(i) Umhla woshicilelo;

(ii) Igama lomntu oshicilele isiqinisekiso;

(iii) Inani leziqinisekiso ezishicilelweyo neenombolo zazo ezilandelelanayo;

(iv) Inani leziqinisekiso ezirhoxisiweyo ze zatshatyalaliswa kunye neenombolo zazo ezilandelelanayo.

(e) Ukuqinisekisa ngento yokuba iziqinisekiso zisayiniwe liGosa loMlilo eliyiNtloko kunye noMvavanyi obhalisiweyo othe waqhuba uvavanyo;

(f) Ikopi yesiqinisekiso sokuqala iya kugcinwa kwigumbi elikhuselweyo;

(g) ISikolo soQeqesho soMlilo noHlangulo seCape Winelands siya kusebenzisa sodwa iziqinisekiso zaso yaye zingasebenzisi nasiphi na esinye;

(h) Zonke iziqinisekiso ziya kuyilwa ze zishicilelwe siSikolo soQeqesho;

(i) Zonke iindleko ezinxulumene nokushicilelwa kweziqiniseko ziya kuthwalwa siSikolo soQeqesho;

(j) Zonke iziqinisekiso ziya kukhutshelwa kuhlobo oluthile lwephepha enkcukacha kuya kuvunyelwana ngazo phakathi kweLocal Government Sector Education and Training Authority (LGSETA) kunye neSikolo soQeqesho.

## 5.16 IZIQINISEKISO EZIPHINDIWEYO UKUSHICELELWA

5.16.1 Zonke iziqinisekiso ezikhutshwe nengcaciso engalunganga kubafundi ziya kuthathwa kwakhona zitshatyalaliswe phambi kokuba kukhutshwe naziphi na ezinye iziqinisekiso.

5.16.2 Iziqinisekiso ezilahlekileyo, ezibiweyo okanye ezonakeleyo, ekucelwe ukuba maziphinde zishicilelwe, kufuneka zixhaswe yingxelo efungelweyo phambi kokuba isiqinisekiso siphinde sishicilelwe.

## 6. IFOMU YOKHUSELO NEMVUME

Amagama apheleleyo: …………………………………………………………………………………

IFani: ……………………………………………………………………….……………………

Idilesi: ……….…………………….…………..…………………………………………………

………………………..………………………………………………………………...….……...

Umhla wokuzalwa: ......................................... Ubudala: ……………………...

Inombolo yesazisi: ………………………………………………………………………..….…...

Igama lomntu wokuqhagamshelana ngokukhawuleza: ……………….…..……………………….

Inombolo yemfono-mfono yomntu: …………………..………………………………………….

Ubume bomzimba nobonyango okanye ukulimala okuya kuthintela ukuthabatha kwam inxaxheba nakuluphi na uqeqesho okanye imisebenzi enxulumeneyo:

……………………….……………………….…………………….……….…...……………………..

………………………………………………………………………….……………………

Ngengcamango yeSikolo soQeqesho ekwamkeleni isicelo sam kunye/okanye ukundivumela ukuba ndithabathe inxaxheba kwisifundo saso soqeqesho lomlilo kunye/okanye nayiphi na imisebenzi enxulumene noqeqesho lomlilo:

6.1 Ndiyavuma ukuba ukuthabatha inxaxheba kwisifundo soqeqesho lomlilo nemisebenzi enxulumene nalo kudinga inzame enkulu yomzimba yaye kubandakanya ingozi enkulu yokwenzakala, enokuba nobungozi kakhulu. Oku kubandakanya ukwenzakala okunxulumene nokuba nomphumela kukulimala obekukho ngaphambili okanye iimeko zonyango.

6.2 Ndiyavuma ukuba ukwenzakala kunokuba bekungacingelwanga, kunokuba yingozi okanye kunokuthintelwa okanye kunokubangelwa kukusilela ukulandela imiyalelo, ukusilela ukunxiba izixhobo zokhuseleko, intswelo-nkathalo, ukungakhathali kwabanye abathabathi-nxaxheba, ukusilela kwesixhobo okanye omnye unobangela.

6.3 Ndiyayiqonda into yokokuba phambi kokuba ndithabathe inxaxheba nakuwuphi na umthambo womzimba kufuneka ndifumane isiqinisekiso sonyango esivela kugqirha ofanelekileyo, obhalisiweyo echaza into yokokuba ndiphile qete yaye ndisempilweni ukuba ndingathabatha inxaxheba kwisifundo zoqeqesho lomlilo.

6.4 Ngokuthabatha inxaxheba, ndamkela zonke iingozi ezivela kuthatyatho-nxaxheba ezinokuba nomphumela wokulahlekelwa bubomi, ukwenzakala kwisithutyana okanye ubomi bam bonke nokulahlekelwa yingeniso yoqoqosho.

6.5 Mna, ngokufanelekileyo ndikhulula uMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) neSikolo soQeqesho, amaqabane akhe, abanikezeli bakhe benkonzo neekontilaka zakhe yaye ndiyabakhusela kulo lonke uxanduva lwako konke ukwenzakala, ilahleko okaye umonakalo ovela ngonxibelelwano nokuthabatha inxaqxheba kwisifundo

soqeqesho lweSikolo soQeqesho nemisebenzi enxulumene nako. Olu khululo nokhuselo lubophelela iindlalifa zam, ababi belifa, abameli bam nababelweyo.

6.6 Ndinibhengezele zonke iinkcukacha zam zonyango nezinye ezinokuthi zibe zezifanelekileyo kuthatyatho lwenxaxheba kwisifundo soqeqesho nemisebenzi enxulumeneyo yaye ndibhengeza into yokuba ngokolwazi lwam andinasimo ngokwasemzimbeni nasempilweni enokuthintela ukuthabatha kwam inxaxheba nakuluphi na uqeqesho. Ndithembisa ngokunazisa ngoko nangoko ngalo naluphi na utshintsho kubume bomzimba kunye/okanye empilweni.

6.7 Ndiyavuma ukufumana naluphi na unyango okanye uncedo kukwenzakala okubonwa kuyimfuneko nguMasipala wesiThili saseCape Winelands (CWDM) kunye/okanye iSikolo soQeqesho kwimeko apho ndithe ndafumana ukwenzakala ngesithuba sesifundo soqeqesho yaye ndiqinisekisa ngento yokuba andisayi kudinga izibonelelo zonyango ezizodwa okanye izixhobo emandizifumane. Ndiyabhengea ngaphezulu into yokuba ndiyayiqonda into yokuba unyango okanye uncedo lusenakho ukungafumaneki ngoko nangoko xa lufunwa.

6.8 Ndibhengeza into yokokuba ndiyayiqonda into yokokuba zonke indleko zoyango ezikhoyo ziya kuthwalwa ndim yaye ndiyavuma yaye ndiyiqonda into yokokuba iSikolo soQeqesho asigunyaziswanga ukuba sibonelele abafudi nge-inshorensi yohambo, yobomi, yonyango okanye impilo.

6.9 Ndiyavuma into yokokuba amanyatheIo okhuselo athatyathwe siSikolo soQeqesho (kubandakanywa kodwa kungaphelelwanga kulawulo, izaziso zokhuselo, uhlolo nokuhlolwa kokhuselo lwezixhobo) awaqinisekisi ukhuselo.

6.10 Ndiyaqinisekisa into yokokuba ukuthabatha inxaxheba kwisifundo soqeqesho ndikwenza ngokuzithandela yaye uMasipala wesiThili saseCape Winelands kunye neSikolo soQeqesho akathwali luxanduva lokwenzakala, lelahleko lomonakalo oluvele ngenxa yokuthabatha kwam inxaxheba.

Ndiyaqinisekisa ukuba mna, osayine apha ngasezantsi, ndilufundile olu xwebhu lokhuseleko yaye ndiyaluqonda ngokupheleleyo ndiyavuma ukuzibophelela kwimiqathango ekubhekiselelwe kuyo ngasentla. Ndiyamkhusela yaye ndiya kuhlala ndimkhusela uMasipala wesiThili saseCape Winelands neSikolo soQeqesho kunye nabo bonke abantu ababandakanyekayo kwisifundo soqeqesho kunye/okanye imisebenzi enxulumene nalo ekubhekiselelwe kuyo ngasentla ngemiqathango ekubhekiselelwe kuyo ngasentla.

Ndiyafunga ukuba ndiyifundile, ndiyayiqoda yay ndiyahambelana nayo imigaqo-nkqubo nemiqathango yeSikolo soQeqesho soMlilo noHlangulo seCape Winelands.

